Isalathiso: 20170302-8784
13/7/1/2
Imibuzo: AB Jantjies

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngobuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko:** **Amaphepha eMibuzo ayiMizekelo neMisebenzi ye-*Practical Assessment Tasks (PATs)* eyiMizekelo yeBakala 11 okulungiselela iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2017**

1. Amaphepha eMibuzo ayiMizekelo neMisebenzi ye-*Practical Assessment Tasks (PATs)* eyiMizekelo eBakala 11 sele esetiwe kwizifundo zethekhnoloji liSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i*DBE*).

2. Izifundo zethekhnoloji ezinamaphepha emibuzo ayimizekelo nee-*PATs* eziyimizekelo zezi:
   - *Civil Technology*
   - *Mechanical Technology*
   - *Electrical Technology*
   - *Technical Sciences*

3. Amaphepha emibuzo ayimizekelo nemisebenzi ye-*Practical Assessment Tasks (PATs)* eyimizekelo abonelela izikolo ngomgangatho onokulinganiswa ngootitshala ekuseteni nasekulawuleni amaphepha emibuzo nee*PATs* kwezi zifundo.

4. Amaphepha emibuzo ayimizekelo nemisebenzi ye-*Practical Assessment Tasks (PATs)* eyimizekelo, makanikwe ootitshala bezifundo abachaphazelekayo ukwenzela ukuba bawasebenzise la maxwebhu xa becwangcisela ukuphunyezwa kweemvavanyo ngo-2017.

5. Ayafumaneka amaphepha emibuzo ayimizekelo nemisebenzi ye-*Practical Assessment Tasks (PATs)* eyimizekelo kwiziko lewebhu eliyi-*Western Cape Education Department (WCED) Further Education and Training (FET) assessment website*: http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za, yaye angafumaneka ngokwenza oku kulandelayo:

   - Yalatha ku-"*Assessment Management*" uze uklikhe ku-"*FET Assessment*".
   - Klikha ku-"*Downloads*" ngasekhohlo.
   - Click kwifolda "*Grade 11 exemplar question papers and exemplar PATs*" *folder*.

6. Kuya kubonelelwa ngenkxaso ngabacebisi bezifundo abachaphazelekayo apha ekuhambeni konyaka.

7. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili bazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abazali nabafundi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI -JIKELELE WECANDELO LEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2017-03-20